Isifundo 5

Julayi 27–Agasti 2

Isikhalo Sabaprofeti

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
1 Sam. 8:10–18, Amos 5:10–15, Mika 6:8, Gen. 19:1–13, Hez. 16:49, Isa. 1:15–23.

Indima Yenkumbulo:
"Uxelelwe, mntundini, okulungileyo akubizayo uYehova kuwe, kukuthi wenze okusesikweni, uthande inceba, uhambe noThixo wakho ngokuthozamileyo" *(Mika 6:8).*

Abaprofeti beTestamente eNdala baphakathi kwabona bantu banika umdla eBhayibhileni. Amazwi abo akrasayo, izigidimi zabo zesibindi, imvakalelo yabo yosizi, umsindo, ingqumbo, nokuthi maxa wambi bazenze okomdlalo izigidimi zabo konke oko kwakubenza abantu abangenako ukungahoywa, naxa kwakungasoloko kusonwabisa ukuba nabo. Bethunyelwe kuqala kuIsrayeli nakuYuda babekhweba abantu abanyuliweyo ukuba babuyele kubizo lwabo kuThixo. Abantu neenkokeli zabo babewexulwa lula zizithixo nayindlela yokuphila yezizwe ezibangqongileyo. Yayingumsebenzi wabaprofeti ongenambulelo ukunyanzelisa inguquko, ngamanye amaxesha ngokubakhumbuza ngokuthandwa kwabo nguThixo noko wakwenzayo uThixo ngenxa yabo kwixesha eladlulayo, nokuthi ngamanye amaxesha babalumkise ngeziphumo ukuba bayaqhubeka nokumka kuThixo.

Njengoko siza kubona nathi, ukuba phakathi kwezono nobubi abalumkisa ngazo iinkokeli nabantu, esinye sezona zikhulu yayikukucinezelwa kwabahluphekileyo, abaneentswelo, abangenako ukuzinceda phakathi kwabo. Kunjalo, ukunqula izithixo kwakukubi; kunjalo, ukuxhaphaza abangenamandla namahlwempu kwakukufanele ukugxekwa, nako.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 3.*

Ukuphindaphindwa Kobizo Lobulungisa

Nangona uThixo wazibeka zacaca iinkcukaca zecebo ngesizwe sakwaIsrayeli, abantu bakwaIsrayei abazange bakholise ukuphila ngokobizo lwabo. Kwizizukulwana ezimbalwa emva kokuba bemiselwe elizweni [leDinga], bacela kuSamuweli, umprofeti nomgwebi, ukuba anyulele isizwe abo ukumkani, "njengeentlanga ezi zonke" (1 Sam. 8:5).

Funda: 1 Samuel 8:10–18. Sithini isilumkiso uSamuweli awasinika abantu ukusabela kwisicelo sabo sokumkani?

USamuweli wayiqonda le nto njengenyathelo lokufuna ukufana nezinye iintlanga nangezinye iindlela. Nangona uSamuweli wazama ukumluleka ukumkani wokuqala, uSawule, kwathi kungekabi kudala, senzeka isiprofeto sakhe. Kwathi nasekunyukeni kobukumkani bukaIsrayeli, uDavide noSolomon abakwazi ukusinda kwizihendo, kwinkohlakalo, nokugqithisa ekusebenziseni igunya labo. Kulo lonke ulawulo lookumkani bakwaIsrayeli noYuda, okunye kokusabela kukaThixo yaba kukuthumela abaprofeti ukuba bathethe intando kaThixo nokukhumbuza iinkokeli nabantu bakwaIsrayeli ngoxanduva ababenikwe lona nguThixo kumalungu asekuhlaleni kwabo awayelityelwe. Kwimibhalo yabaprofeti bamaHebhere, sibona kuqhubeka kuphindaphindwa ubizo lokuphila ngokulungileyo nokwenza ubulungisa ekuhlaleni. Ukumelana nokungathembeki kukaIsrayeli neenkokeli zakhe, abaprofeti baba lilizwi elithe rhoqo nelinyanzelayo labo bangenalo ilizwi, ngakumbi abo babelimala kukusilela kukaIsrayeli ukulandela intando kaThixo.

Ekhangele ukufutheka kwabaprofeti beTestamente eNdala, uAbraham Joshua Heschel uthelekisa ukonwaba kwethu nokubiza kwabo ukuba kubekho ubulungisa: "Izinto ezazisoyikisa abaprofeti ziyenzeka yonke imihla namhlanje emhlabeni wonke. . . . Ukungaphumli kwabo kuba besoyiswa kukunyamezela intswelo-bulungisa singakubona thina njengempambano. Nathi ngokwethu siyazibona izenzo zentswelo-bulungisa, ukubakho kokuhanahanisa, ubuxoki, ingqumbo, intlupheko, kodwa kunqabile ukuba sibe nomsindo okanye sicaphuke kakhulu. Kubaprofeti, nokona kuncinane ukungabikho kobulungisa kwakubonakala kukukhulu kakhulu."—*The Prophets* (New York: Jewish Publication Society of America, 1962), amaph. 3, 4. Into abasinika yona aba baprofeti kukubona ngaphakathi kwintliziyo nengqondo kaThixo. Bethetha endaweni kaThixo, bangasinceda ukuba siyibone intswelo-bulungisa nokubulaleka kwelizwe lethu ngamehlo kaThixo azele ziinyembezi. Kunjalo, le ntshiseko ikwalubizo lokwenza, nokusebenza noThixo ukukhulula nokunyanga ingcinezelo nentlungu kwabo basijikelezileyo.

Sikufuna njani ngamanye amaxesha "ukufana nezinye iintlanga" ngeendlela ezinokuthi zibe yingozi kuthi nakwabanye?

UAmos

“Ndandingenguye umprofeti, ndingenguye nonyana womprofeti, ndikwakhathalele imithi yemithombe. UYehova wandithabatha ekwaluseni imihlambi wathi kum, “Yiya uprofete kubantu bam amaIsrayeli” (Amos 7:14, 15, NIV). UAmos wayephandle ekuvumeni ukuba wayengenazo iimpawu zokuba ngumprofeti, kodwa xa ebeka isigidimi sakhe kuhlanga lwakwaIsrayeli, ubonisa isakhono esicacileyo sokutsala abaphulaphuli bakhe ukuba bave oko afuna ukubaxelela kona. Uqala ngenqaku elithandwayo, ukudwelisa izizwe ezibajikelezileyo—iSiriya, iFilisti, iFenike, iEdom, iAmmon, neMowabhi—anike iinkcukacha zokwaphula kwazo umthetho, ingcwangu, nezenzo zenkohlakalo aza kuzohlwayela zona uThixo (see Amos 1:3–2:3). Kulula ukucinga namaIsrayeli eqhwaba izandla ngezi zimangalo ngakwiintshaba zabo, ngakumbi kuba okuninzi ukwaphulwa komthetho kwakuchase wona maIsrayeli. Emva koko uAmos usondela kancinane ekhaya, evakalisa ukuba umgwebo kaThixo ngakubantu bakwaYuda, abamelwane basezantsi bakaIsrayeli-kwizizwe ezahlukaneyo ngoku. Ethethela uThixo, uAmos ucaphula ukwala kwabo uThixo, ukungathobeli kwabo imiyalelo yaKhe nezohlwayo eziza kuza kubo (jonga uAmos 2:4, 5). Kwakhona, singanombono wabantu abakubukumkani bangasentla beqhwabela izandla uAmos kuba esalatha ukwenza gwenxa kwabo babajikelezileyo. Kuthi emva koko, uAmos abajike abaphulaphuli bakhe. Incwadi iphela ijonge kububi bukaIsrayeli, ekunquleni izithixo, kwintswelo-bulungisa, nokusilela okuphindaphindwayo emehlweni kaThixo.

Funda: Amos 3:9–11; 4:1, 2; 5:10–15; esi-8:4–6. Zeziphi izono alumkisa ngazo?

_____

_____

Nangona uAmos engenabo ubuchule kulwimi lwakhe kwaye izilumkiso zakhe zizezentshabalalo, isigidimi sakhe sinongwe ngezicengo zokubuyela kuThixo wabo. Oku kuya kuquka ukuhlaziywa kwengqondo yabo yobulungisa nokukhathalela abangamahlwempu phakathi kwabo: “Makugaleleke umgwebo njengamanzi, nobulungisa njengomlambo ongatshiyo!” (Amos 5:24). Iindima ezimbalwa zokugqibela zesiprofeto sika-Amos zalatha ekubuyiselweni kwexesha elizayo kwabantu bakaThixo (jonga uAmos 9:11–15): “Ngeyure yolona lukreqo lwabo lukhulu neyona ntswelo yabo inkulu, isigidimi sikaThixo saba sesokuxolelwa nethemba.” —Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani*, iph. 237.

Ingaba akho amaxesha esidinga ukuba silungele ukuthetha kalukhuni ukulungisa izigwegwe? Siqonda njani xa ulwimi olunjalo lunokuba lufanelekile?

_____

Lwesibini

Julayi 30

UMika

“Uxelelwe, mntundini, okulungileyo akubizayo uYehova kuwe, kukuthi wenze okusesikweni, uthande inceba, uhambe noThixo wakho ngokuthozamileyo” (Mika 6:8). Zeziphi iindlela, ngoku, onokuthi ngazo uwaphile la mazwi?

UMika 6:8 mhlawumbi yeyona ndima yaziwayo eziBhalweni. Kanti ke, njengezinye iindima ezininzi, siyenza ibe sisikhuzo okanye “amaxwebhu okusasaza,” kuyenzeka ukuba asiqhelananga nomxholo wendawo ekuyo le ndima kunokuba singakuvuma oko.

Funda: Mika 2:8–11 nesi-3:8–12. Yintoni ababeyenza abantu awayigxekayo uMika?

Ulawulo luka-Ahazi engukumkani wakwaYuda, lwabenza abantu bafikelela kumgangatho ophantsi omtsha kwimbali nasemoyeni wesizwe sabo. Ukunqula izithixo ngeendlela zako ezahlukeneyo zokwenza ububi kwakunyuka. Kwangelo xesha linye, njengoko baphawula nabanye abaprofeti belo xesha, kwaqhubeka ukuxhatshazwa kwamahlwempu nokwenziwa amaxhoba. UMika akangomprofeti umncinane wentshabalalo kunabo bexesha lakhe. Okuninzi kwizahluko zakhe ezithathu zithetha ngomsindo kaThixo nosizi ngenxa yobubi obenziwa ngabantu baKhe, kunye nentshabalalo eyayibazela isendleleni. Noko kunjalo uThixo akazange abancame abantu baKhe. Kanti namazwi akrasayo nezigidimi ezibukhali zabaprofeti zazibonisa umdla kaThixo oqhubekayo kubantu baKhe. Wabanika izilumkiso ngenxa yokuba ebathanda ebakhathalele. Wayengasayi kuhlala enomsindo ngonaphakade (jonga kuMika 7:18–20). Unjalo umxholo “wechiza”-yenza okusesikweni, thanda inceba, hamba ngokuthozama. Lingavakala lilula, kodwa ukuphila ukholo olunjalo ngendlela ebambekayo kunika umngeni ongaphezulu, ngakumbi xa ukwenza kubonakala kungahambelani nabo sihleli phakathi kwabo. Xa abanye bezuza kwintswelo-bulungisa, behlekisa ngenceba, bekhwele ikratshi, ukwenza okusesikweni, ukuthanda inceba nokuhamba ngokuthozama kufuna isibindi nokuzingisa. Kanti ke, asikwenzi sisedwa oku; xa sisenza ngolu hlobo, sihamba noThixo wethu.

Yintoni ikhonkco phakathi kokwenza okusesikweni, ukuthanda inceba, nokuhamba ngokuthozamileyo phambi kukaThixo?

UHezekile

Ukuba besingabuza iqela lamaKristu nge“zono zaseSodom,” abaninzi bangaziphosa ekuchazeni izono zesondo ezahlukeneyo nezinye iintlobo zobubi. Ngapha koko, uGenesis 19:1–13 akachazi umphakathi ogulayo ogoso ngaphezu kokuvuthwa ukuba itshatyalaliswe. Olunika umdla ngokwaneleyo, phofu, impendulo inzima ngaphezu koko. Qaphela inkcazo kaHezekile: “Nabu ke ubugwenxa beSodom udadewenu, yabe ilikratshi, nokuhlutha sisonka, nokungakhathali; ababancedanga abangamahlwempu nabasweleyo (Hez. 16:49). Nangona kucacile ukuba uYehova wayengasayi kungazijongi ezinye iintlobo zobubi ezazikho apho esixekweni, ukujonga kukaHezekile apha kwakunento yokwenza nentswelobulungisa nokunqongophala kwenkathalo ngabo banezidingo.

Ingaba kungenzeka ukuba, emehlweni kaThixo, ezi zono zendyebo zazizibi nje ngezo zesondo? Efika emva kwexesha lika-Amos; uMika, noIsaya, iziprofeto zokuqala zikaHezekile zivakala zifana nesilumkiso sokuza kwentshabalalo. Phofu, emva kokuwela kweYerusalem kwiBhabheli, abantu bayo basiwa ekuthinjweni, kuyasuka ukuqwalasela kukaHezekile kuye ngokupheleleyo kwizithembiso zikaThixo zokubuyisela.

Funda: Hezekile 34:2–4, 7–16. Thelekisa ukulinganisa kukaThixo iinkokeli ezikhohlakeleyo zakwaIsrayeli nokwaKhe ukwalusa izimvu. Ukuphatha kwabo ezona zingenamandla “izimvu” kwahluka njani kwezaKhe iindlela.

Nangona babe babi benjalo, bade bathelekiswe neSodom, uYehova wayesafikelela kubo ngethemba lokubajika bemke kwinkohlakalo yabo. Kwicebo likaThixo elihlaziyiweyo ngabantu baKhe, babeza kubuyela emhlabeni wabo, iYesusalem yayiza kubuyiselwa, itempile yakhiwe ngokutsha. Imibhiyozo uThixo awayinikayo yayiza kuphinda yenziwe uze umhlaba uphinde wahlulwe ngokulinganayo phakathi kwabantu njengelifa labo (jonga uHez. 47:13–48:29). Kubonakala kucacile ukuba injongo kaThixo yayikukuba icebo laKhe ngabantu baKhe, njengoko lalinikelwe kuMoses kuqala nakubantu bakwaIsrayeli emva kokuhlangulwa kwabo eYiputa, laliya kuqalwa ngokubuya kwabantu baKhe ekuthinjweni. Oku kwakuhlanganisa ukukhathalela awona malungu abuthakathaka ekuhlaleni, kwakunye nabo babebonwa njengabaphambukeli.

Kubaluleke njani kuwe ukuba uThixo wethu enguThixo onika ithuba lesibini-ukudlula apho-nakubantu baKhe abaphum’ ecaleni emva kokuba babenikwe ithuba lokwenza ukhetho olungcono?

Lwesine

Agasti 1

UIsaya

Funda: Isaya 1:15–23; 3:13–15; nesi-5:7, 8. Ungakuchaza njani ukusabela kukamprofeti koko akubone ekuhlaleni okumjikelezileyo?

Intshumayelo eqalayo kaIsaya-izahluko ezihlanu zokuqala-ingumxube wokugxeka okubukhali kohlobo lwabahlali abantu bakaThixo ababalulo, izilumkiso zomgwebo ongekude okukusabela ekwaleni kwabo uThixo nokuqhubeka kusenziwa okuphum' ecaleni, nokunikwa kwethemba xa abantu bengabuyela kuThixo bahlaziye ubomi babo nobasekuhlaleni. Mhlawumbi ke, eyona mvakalelo inamandla eza ngamazwi wakhe ngendlela yosizi. Exhomekeke ekuqondeni kwakhe ukuba ungubani na uThixo nokuba yintoni na ayifunayo ebantwini baKhe, umprofeti ukhalela oko kwakulahliwe, ukulityalwa kwenyambalala yabantu abaviswa ubuhlungu, nokugwetywa okuzayo phezu kwesizwe.

UIsaya uyaqhuba nalo mzekelo ngolungiselelo lwakhe lokuprofeta. Ukhuthaza abantu ukuba bakhumbule oko uThixo abenzele kona. Ukwanika abo bantu ithemba lento uThixo afuna ukubenzela yona kwixesha elizayo. Kungoko, kufuneka bamfune uYehova ngoku, kuba olu lwalamano luhlaziyiweyo kunye naYe kuquka ukuguquka nokutshintsha indlela abaphatha abanye ngayo.

Kwizahluko sama-58 nesama-59, uIsaya ubuyela ngqo ekukhathaleni ngobulungisa. Uyaphinda uchaza umphakathi apho "okusesikweni kubuyiswe umva, nobulungisa bumi kude; nngokuba inyaniso ikhubekile endaweni yembutho, akunakungena okuthe gca" (Isa. 59:14). Sekunjalo, ukwaqinisekisa ukuba uThixo uyakuqonda nokuba uThixo uya kubahlangula abantu baKhe—uMhlanguli uya kufika (Isa. 59:20). Kuyo yonke incwadi kaIsaya, indawo ebalulekileyo yokuqwalasela komprofeti inikwe ukuvakalisa kokufika kukaMesiya, oya kuthi ekugqibeleni amilisele ngokutsha ulawulo lomhlaba azise ubulungisa, inceba, impiliso, nokubuyiselwa kuYe.

Funda: Isaya 9:6, 7; 11:1–5; 42:1–7; nama-53:4–6. Zingena njani ezi ziprofeto kwinto oyiqondayo ngobomi, ulungiselelo, nokufa kukaYesu? Zithini ezi ziprofeto ngenjongo yokufika kwaKhe kulo mhlaba?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Ekuthinjweni KwaseAsiriya," amaph. 279–292; "Ubizo lukaIsaya," amaph. 303–310, kuAbaprofeti Nookumkani. "Ekuchaseni ingcinezelo eyayininzi, ukungabikho kakhulu kobulungisa, ulonwabo nokuthsafaza okungaqhelekanga, ukudla nokunxila okungenazintloni, ubuhenyu nokurheletya okukhulu, kwexesha labo, abaprofeti babo baya baliphakamisa ilizwi labo; kodwa kwaba lilize ukukhalima kwabo, kwaba lilize ukusingela phantsi kwabo isono."—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani*, iph. 236. "Inkangeleko yayityhafisa ngendlela eyodwa ngokubhekiselele kwiimeko zokuhlala kwabantu. Ekulangazeleleni kwabo ukufumana inzuzo, abantu babesongeza indlu kwindlu nentsimi kwintsimi. . . . Ubulungisa babugqwethiwe, kungekho luvelwano lubonakaliswayo kwabangamahlwempu. . . . izigidimi zokulumkisa nokungxolisa kukaThixo, asuke uIsaya awoyike loo mthwalo. Wayesazi kakuhle ukuba wayeza kuhlangana nenkcaso eneenkani. KuIsaya "Inkangeleko yayityhafisa ngendlela eyodwa ngokubhekiselele kwiimeko zokuhlala kwabantu. Ekulangazeleleni kwabo ukufumana inzuzo, abantu babesongeza indlu kwindlu nentsimi kwintsimi. . . . Ubulungisa babugqwethiwe, kungekho luvelwano lubonakaliswayo kwabangamahlwempu. . . . Nabo babengabaxoxi bamatyala, ingumsebenzi wabo ukukhusela abangenaluncedo, bayisusa indlebe yabo ekuveni izikhalo zamahlwempu nabasweleyo, zabahlolokazi nabaziinkedama. "Ejongene neemeko ezinjalo, akumangalisi xa kusithi, ngeminyaka yokugqibela yolawulo lukaUziya, uIsaya wayebizwa ukuba ase kuYuda izigidimi zokulumkisa nokungxolisa kukaThixo, asuke uIsaya awoyike loo mthwalo. Wayesazi kakuhle ukuba wayeza kuhlangana nenkcaso eneenkani ."—*Amaphepha* 253, 254 "Ezi ntetho zicacileyo zabaprofeti . . . zinokwamkelwa sithi njengelizwi likaThixo emphefumlweni ngamnye. Kufuneka singalahlekelwa lithuba lokwenza izenzo zenceba, ukubeka phambili uthando nembeko yobuKristu, kwabo basindwa yimithwalo nabacinezelweyo." Iphepha 327.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Sikholisa ukuwuqonda umsebenzi wesiprofeto njengoxela ngexesha elizayo. Ukwamkela ukuqwalasela kwabaprofeti beTestamente eNdala kwihlabathi ababephila kulo kuyitshintsha njani imbono yakho ngendawo yomprofeti?

2. Ubomi nesigidimi sabaprofeti sibonisa ukuba nzima nokuba yingozi okunokuba yiyo ukumela inyaniso. Yintoni eyenza ukuba ukholwe ukuba bakwenza oko bakwenzayo bathetha ngendlala abathetha ngayo?

Isishwankathelo:

Abaprofeti beTestamente eNdala babeba nobushushu bade babe nomsindo bacaphuke bekhusela indlela nentando kaThixo ebantwini baKhe. Ikhangele kwinkathalo exeliweyo kaThixo ngokwaKhe, obu bushushu babuquka ukujonga ngamandla kubulungisa obenzelwa amahlwempu nabacinezelweyo. Ubizo lwabaprofeti lokuba kubuyelwe kuThixo lwaluquka ukuphelisa intswelo-bulungisa, into uThixo naYe awathembisa ukuyenza kwimibono yaKhe yekamva eliqhakazileyo labantu baKhe.